

Eyo Mqungu – U Febuwari 2017



Zihlobo Ezithandazayo,

Kwiminyaka edlulileyo, ndibanqamlile abaninzi abebefuna ingcebiso nemithandazo ngemitshato neentsapho zabo.

Kwiminyaka edlulileyo, bendinokuwacebisa amakholwane afunana neengcebiso nemithandazo ngemitshato neentsapho zabo. Ndafumanisa ukuba imitshato inganobunzima kwaye ambalwa amazwi enkuthazo angavakaliyo, angaluthobiyo unxano kuwo umtshato owomileyo, owophukuleyo.

Ngokuye sisiya phambili neenguqu kuTWR namanenekazi ethemba, ndiqaphele ukuba i Logo entsha ixela indlela iintliziyo zethu ezithungelana ngayo omnye komnye naku Thixo. Ku Hezekile 36:26 siva umprofeti esixelela ukuba “Ndoninika intliziyo entsha, ndininike umoya omtsha ngaphakathi kwenu, ndiyisuse intliziyo eli litye enyameni yenu, ndininike intliziyo eyinyama.

Emtshatweni, ngelinye ixesha, kungavakala ngathi sineentliziyo ezingamatye omnye komnye. Umtshato olungileyo uthabatha ixesha nokunakekelwa. Ukhona umlo emtshatweni nowakho ongenguwo weli hlabathi. Ixesha elininzi sijongene nokulingwa emitshatweni yethu, siqale sibone amakholwane ethu engathi alutshaba kuthi. Kanti, utshaba lokwenyani asililo ikholwane lakho okanye abantwana bakho. Khuthazeka namhlanje ngokuba awukho wedwa koku kulingeka omelene nako emtshatweni wakho.

Iimeko ezisifikelayo asinto ilula, kodwa uThixo ulihlathi, uligwiba kuthi, ezimbandezelweni ufumaneka eluncedo kunene. (Iindumiso 46:1) Sukuwunikezela umlo wulwele umtshato wakho. Qhubeka uthandaza kwanabanye abafazi nizophakamise iinzima emtshatweni wakho. Nika uThixo iintlungu yakho, nomsindo, nobukrakra nokungaxoleli kwakho. Kholwa ukuba ukhona uThixo okuthandayo, obonayo kokukwehlelayo. Yomelela, ubaxelele nabanye abathandazi ngengxaki ojongene nayo. Uzinyusele kuThixo ngomthandazo zonke ngoba yena usondele uYehova kwabantliziyo zaphukileyo, abasindise abamoya utyumkileyo. (Iindumiso 34:18) Hamba ngokukhululeka ungenamagqubu, umsindo, umyekele uThixo athabathele kuye intambo zomtshato nosapho lwakho.

Singazondelela ngomthandazo. Singabambana ngezandla omnye nomnye silile kuThixo ngemitshato neentsapho zethu, sikholelwa ukuba sikhonza uThixo onqwenelela imitshato neentsapho zethu ukuba zinike uzuko kwigama lakhe ukuze nabanye bafikelele ekumazini uYesu.

Sukunikezela! Phakamisela amehlo akho kuYesu, ubenokholo wena kumtshato wakho. Ndithandazela wena namhlanje.

Thina esikuye iintliziyo zethu mazigcobe.

Peggy Banks
Global Ministry Director
TWR Women of Hope/Project Hannah